



Isalathiso: 20190909-8952  
Inombolo yefayili: 12/2/8/17/1/2  
Imibuzo: K Lackay

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeziBonelelo: 0008/2019

Iya: KuMlawuli oyiNtloko kwiZithili, kuBalawuli beZithili, kumaSekela Balawuli kwiiNkonzo zeZiko (kwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

**Isihloko: Ukunika izizathu ezibhaliweyo zokungeniswa emva kwexesha kwezicelo zesikim sothutho lwabafundi (*learner transport scheme*) (LTS) ngoJanuwari 2020**

1. Kucelwa ufunde iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loKuxhasa amaZiko ngeziBonelelo 0006 apho izikolo nezithili zemfundo zazazisiwe malunga nomhla osikiweyo wokungeniswa kwezicelo zesikim sothutho lwabafundi (*learner transport scheme* (LTS)) ukulungiselela ukuqaliswa kweendlela ezintsha kwanokufakwa kwabafundi abongezelelweyo kwiindlela ezikhoyo ngoJanuwari 2020.
2. Kule ngcaciso imfutshane ikhankanywe ngentla, kwacelwa izikolo ukuba zingenise izicelo zee-LTS zazo ngo-2020 kubaphathi beesekethe abachaphazelekayo ungadlulanga owe-**31 Julayi 2019**. Izithili zemfundo zacelwa ukuba mazingenise izicelo ezisayinelweyo ze-LTS zizithumele kwiCandelo loKuxhasa amaZiko ngeziBonelelo ungadlulanga owe-**23 Agasti 2019**.
3. Nakuba kunjalo, ngenxa yenani eliphezulu lezicelo ze-LTS ezifumaneka emva komhla osikiweyo kule minyaka imbalwa idlulileyo kwaneelahleko ezihamba noko, kube yimfuneko ukuba kungeniswe inkcazelo ebhaliweyo ehamba nazo zonke izicelo ze-LTS zika-2020 ezifunyenwe emva kowe-30 Septemba 2019.
4. Izicelo ze-LTS ezifumaneka emva kowe-**30 Septemba 2019** ziya kuqwalaselwa kuphela ukuba ngaba zihamba kunye nenkcazo ebhaliweyo okanye ifumaneka ngoko nangoko inkcazelo ebhaliweyo.

**ISAYINWE:** NGU-L McGLENATENDOLF

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOCWANGCISO LWEZEMFUNDO**

**UMHLA:** 2019-09-13